



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**SENIOR CERTIFICATE/
NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

XHOFA.1

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2020

AMANQAKU: 80

IXESHA: liyure 2

Olu viwo lunamaphepha ali-12.

MORNING SESSION



IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(40)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.
5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo ngaNYE.
7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A:	Imizuzu engama-50	
ICANDELO B:	Imizuzu engama-20	
ICANDELO C:	Imizuzu engama-50	
9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



5	Kukho intetho ethi, 'Inkomo esisipho ayinqikwa mazinyo', oko kukuthi akulunganga ukube usigocagoca isipho osiphiwe ngomnye umntu, ufanele ukusamkela sinjalo. Kunjalo, oku kuxhomekeka kwinkcubeko yomntu lowo. KweyamaSilamsi akumphi umntu isipho semveliso eyenziwe ngofele okanye ithoyi eyinja kuba inkolo yawo izayamanisa nobubi izinja. Uyaqonda ke ukuba abeLungu izinja baziphatha njengabantu? Uyaqonda ukuba kwizizwe zase-Afrika inja yayanyaniswa nezinyanya. Kanti ke kumazwe ase-China inja iyatyiwa.	35 40
6	Ubungqina bokwahluka kweenkcubeko budizwa nayindlela yokuziphatha nkqu ngexesha lesidlo. KumaAfrika ixesha lesidlo, lixesha lokuncokola nokwabelana ngezimvo, ukuthetha unomthamo ngoko ke akusosiphene. NgokwaseNtshona loo nto ibonisa ukungachubeki. Kuma-Afrika, ukutya ngesandla akungomnqa kuba bekukade kunjalo, kanti kubeLungu kukho nobucilocilo bokubamba nokusebenzisa izixhobo zokutya, nendlela yokuzibeka. Nasekutyeni ngokunjalo, siyahluka. Zikho iintlanga ezitya izinambuzane, njengaseMexico. Phambi kokuba uzicalule ngokuthuka oko kutya kwazo, phanda. Uya kutsho wazi ukuba kungokuba zineprotheni eninzi.	45 50
7	Kwinkcubeko yezoshishino, kubalulekile ukuba ubani azigqale izinto ezamkelekileyo nezingamkelekanga ngokwenkcubeko yabo bantu. Kubemi baseSpain ukumxhawula, umange umntu kubalulekile xa kusenziwa izivumelwano zezoshishino kanti loo nto ayivumelekanga kumaFrentshi. Kwezinye izizwe xa umntu ezazisa ngokwezoshishino, uqala ngamagama akhe kanti eJapan umntu uqala ngokwazisa igama lenkampani yakhe, isikhundla akuso ze agqibele ngokuxela igama lakhe. Obunye ubucukubhede benkcubeko buvela kwizinto esizithatha lula. Umzekelo, e-China, xa uncokola nje nomntu akufuneki uyiphathe nokuyiphatha ipolitiki nongcoliseko. KumaAfrika ubonakala njengomntu ongabamkeliyo abanye abantu ukuba uthi sikhona isithuba ecaleni komnye umntu, usuke wena uyokuzihlalela wedwa. Kanti ke kumaMelika bubukrwada ukuyokuzifixanisela ecaleni komnye umntu, ikho indawo engenamntu. Yinkcubeko ke leyo.	55 60 65
8	Inkcubeko izezinye zezinto eziziinqobo entlalweni yoluntu kwaye ifanele ukuhlonitshwa. Simele ukuzidla ngayo kuba isinika ubuthina. Kubalulekile ukuba ubani anganeli nje ukukwazi eyakhe inkcubeko koko ahloniphe eyabanye abantu kuba ukwazi umntu kukwazi inkcubeko yakhe.	70

[Sicatshulwe kwi-www.theatlantic.com saze saguqulelwa esiXhoseni]

Jonga kumhlathi 1

- 1.1.1 Nika izinto zibeMBINI echazwa ngazo inkcubeko. (2)
- 1.1.2 Caphula ibinzana kwimigca yesi-8–9 elithetha ukuthi 'kwixesha esiphila kulo'. (1)



Jonga kumhlathi 2

- 1.1.3 Chaza ukuba lityhila ntoni ngeenkubeko ibinzana 'ubuhle bokwahluka' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi. (2)
- 1.1.4 Xela olu 'lwazi lwethu' kubhekiswa kulo kumgca we-14. (2)
- 1.1.5 Nika isichasi segama elibhalwe ngqindilili kumgca we-14. (1)
- 1.1.6 Uyangqinelana noluvo oluqulethwe sisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi? Xhasa impendulo yakho. (2)

Jonga kumhlathi 3

- 1.1.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.
- Ngokwalo mhlathi, ukumjonga ntsho-o umntu xa ubona isiphene kuye kwamkelekile kwinkubeko ...
- A yaseNtshona.
B yaseAfrika.
C yaseTshayina.
D yaseMelika. (1)

Jonga kumhlathi 4

- 1.1.8 Ngqina ukuba amaTshayina namaXhosa ayafana ngenkolelo ngokubhekiselele kumbala omnyama. (2)

Jonga kumhlathi 5

- 1.1.9 Ngokolwazi olufumaneka kulo mhlathi, ungamcebisa uthini umntu ofuna ukuthengela umntu wolunye uhlanga isipho? (2)

Jonga kumhlathi 6

- 1.1.10 Lizisa yiphi intsingiselo igama 'bekukade' elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi? (2)

Jonga kumhlathi 7

- 1.1.11 Xela okufundileyo kulo mhlathi malunga nenkcubeko yelizwe ngalinye kula alandelayo:
- (a) IJapan
(b) ISpain (2)
- 1.1.12 Sisiphi isenzo esithathwa njengobukrwada eMelika ngokwalo mhlathi? (1)




Jonga kwitekisi yonke

1.1.13 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.

Esi sicutshulwa siluhlobo (lwetekisi ebalisayo/lwetekisi edlulisa ulwazi). Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.14 Cacisa ukuba emva kokufunda esi sicutshulwa itshintshe njani indlela oyibona ngayo inkcubeko. (2)

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

[Uthathwe kwi-www.xtianity.com]

1.2.1 Xela izinto zibeMBINI ezityhila ukuba aba bantu bakulo mfanekiso baphandle. (2)

1.2.2 Kutheni eli qela labantu lijonge kulo umi endulini? (2)

1.2.3 Ngeengongoma eziMBINI ngqina ukuba aba bantu abanamdla wezi zinto bazinikwayo. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Isicatshulwa C esingezantsi simalunga **noncedo lokuqonda iinkcubeko zabanye abantu.**

Funda isicatshulwa C esingezantsi uze ubhale ingongoma eziphambili ezingeengcebiso malunga nokuqonda ezinye iinkcubeko.

IMIYALELO

1. Bhala isishwankathelo sibe kwimo yeengongoma ungadluli kumagama angama-70.
2. Nombola izivakalisi zakho ukusuka ku-1 ukuya ku-7.
3. Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo ukubhala iingongoma.
4. Sebenzisa AMAZWI AKHO kangangoko unako.
5. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.

ISICATSHULWA C**NAWE UNGAYIFUNDA UYAZI INKCUBEKO YOMNYE**

Kuyinto elula ukuma kule nto uyaziyo utshele kuyo kunokufunda into entsha. Kunjalo, kubalulekile ukuqonda iinkcubeko ezizezinye, ubone izinto ubungazazi, ufunde. Naku onokukwenza:

Qala ngokuzazi wena siqu ukuba ungubani na, uziqonde ngokupheleleyo, akulula oko kodwa kuyenzeka. Milisela ingqondo yakho kwizinto okholelwa kuzo, ujonge ukuba zikuchaphazela njani ukuqonda kwakho izinto ezahlukileyo kwezakho.

Yenza uphando, ufunde ngezinye iinkcubeko kuba oko kukhokelela ekukhuliseni ulwazi ngazo nokubaqonda ngcono abanye abantu. Phanda kwimithombo efana neintanethi kungenjalo kwiincwadi.

Tyelela iindawo ngeendawo, uhlangane nabantu ukuze ufunde lukhulu ngabo nenkcubeko yabo. Kaloku kuthiwa hlala nomntu uzokumazi. Ukundwendwela amanye amazwe kungayindleko kodwa kungakuvulela amathuba okufunda ngeenkcubeko obungazazi.

Yakha ubuhlobo, uziqhelanise nabantu abamvelaphi yabo yahlukileyo kweyakho. Akunyanzelekanga ukuba ude ulugrumbe ulwazi malunga nenkcubeko yabo kodwa nje ngokuziqhelanisa nabo uya kuzuza ulwazi malunga namava kunye nendlela yabo yokuphila.

Vula ingqondo nentliziyo yakho ubengumntu ozimisele ukubamkela ngokupheleleyo abanye abantu nokuba bahluke kangakanani na kuwe. Ngelinye ixesha akuyonto ilula ukuqonda iiyantlukwano zenkcubeko. Iqhinga lokoyisa oko kukubamkela abantu benjalo, wazi ukuba singabantu asifani ngendalo. Kulumkele ukugweba abanye abantu, okanye uthathe izigqibo ezisekelwe kwezakho iimbono ngabo kuba oko kungangowona mqobo ekuqondeni iinkcubeko ezahlukileyo. Endaweni yoko, funa ulwazi malunga nabo ubafunde.



Ungumntu, into engundoqo ekufuneka uyazi, kukuba elowo nalowo umntu udalwe ngendlela eyahlukileyo kwabanye. Umntu uya kuhlala eneembono, imikhwa nendlela yokuphila eyahlukileyo kwabanye abantu. Ukukhumbula loo nyaniso kunceda ukuba kubelula ukwamkela iinkcubeko ezahlukileyo kweyakho. Ukufunda inkcubeko yomnye umntu, bubuntu.

[Sicatshulwe kwi-www.reachoutcommunity.com saza saguqulelwa esiXhoseni]

AMANQAKU ECANDELO B: 10



ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA D

[Sithathwe ku: www.adbusters.com sahlelwa]

- 3.1 Xela ukuba lisixelela ntoni ngale mveliso igama 'kwaseAfrika'. (1)
- 3.2 Ngokwakwesi sibhengezo xela iindlela eziMBINI zokulungisa umbona phambi kokuba utyiwe. (2)
- 3.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
Kwisivakalisi 'Ukumkani kwizidlo eziziinkozo' kusetyenziswe ...
- A isifaniso.
B isikweko.
C isibaxo.
D isimntwiso. (1)

- 3.4 Xela injongo yokuba utyhilwe amakhasi lo mfanekiso wombona ukwesi sibhengezo. (2)
- 3.5 Khetha igama elichanekileyo kwizibiyeli.
Isakhi u-'kha' kwigama 'khawuzifumanele' (liyaqweqwedisa/liyacekisa/liyacenga). (1)
- 3.6 Caphula ibinzana elingqina ukuba umbona uyimveliso ethunyelwa nakwamanye amazwe. (1)
- 3.7 Ingaba le mveliso ibhengezwe ngendlela enokwenza uthathe isigqibo sokuyithenga? Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E

[Ithathwe kwiphephandaba iIndependent, Thursday 15 Matshi 2018]

- 4.1 Xela ukuba sibona ngantoni ukuba nguRoy yedwa othethayo kule khathuni. (1)
- 4.2 Yintoni ebonisa ukuba uAmil noAlina ngabenye inkcubeko engeyiyo ekaRoy? (1)
- 4.3 Kutheni uRoy kwintetho yakhe esebenzisa igama 'singabantu', elikwisininzi? (2)
- 4.4 Igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwiqam eliphezulu likhabana njani nentetho ekwiqam elisezantsi? (2)



- 4.5 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo: Igama 'ezinye' lithetha ...
- A eziliqela elininzi.
B ezahlukileyo kuthi.
C ezingumntu omnye.
D ezibalulekileyo kuthi. (1)
- 4.6 Xela umsebenzi wegama 'njengathi' elikwiqam elingezantsi kule khathuni. (1)
- 4.7 Ingaba silungile isenzo sikaRoy sokufuna ukuba uAmil noAlina baziphathe ngendlela efana neyabo? Xhasa impendulo yakho. (2)
[10]

UMBUZO 5: IPROZI

- 5.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo ebuzwe kuso.

ISICATSHULWA F

Akuzange kudlule xesha **lide kwabuya** kwavakala ngengoma ukuba uduli luyeza. Lweza luhamba kancinane iziintombi phambili zigqunyiwe ziyifake phakathi eyendayo. Yasondela ebuhlanti yaza yakufika esangweni yawuhloma umkhonto eyayiwuphethe emazantsi exhanti, yaza yabuyela kwakubakhaphi bayo. Lonke elo xesha yayinyathela kwiinkuko ezazandlalwe 5
zada zaya kufika esangweni apho. Ngenxa yokuba yayithe wambu ingubo ende ukususela entloko ukusa elunyaweni amaHlubi abacela abakhozi ukuba mabayityhile ayibone. Yesuswa ke ingubo leyo yayizigqume ngayo naleyo yeentombi ezo zaziyikhaphile. Bavela ubuso kwanga kukuphuma kwelanga, livela ngaphaya kweenduli. Lwasuka apho uduli lwadlulela 10
kubafazi, waza umtshakazi nalapha kwafuneka eboniwe.

[Sithatyathwe kwincwadi; *Imizabalazo*, KS Bongela, iphepha 38]

- 5.1.1 Xela umsebenzi wegama elibhalwe ngqindilili kumgca woku-1. (1)
- 5.1.2 Sebenzisa igama 'kwabuya' kwisivakalisi linike intsingiselo eyahlukileyo kule ikwicutshulwa. (2)
- 5.1.3 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo isenzi sibe kwimo yesenziwa. Qala isivakalisi ngesibizo esinomgca ngaphantsi.
Intombi ihloma umkhonto. (2)
- 5.1.4 Yakha isibizo ngegama 'esikhondweni' uze usisebenzise kwisivakalisi. Yibhale ngolu hlobo impendulo yakho:
- (a) Isibizo
(b) isivakalisi (2)



- 5.1.5 Nika intsingiselo eziswa ligama u 'ngenxa' elikumgca wesi-6. (2)
- 5.1.6 Xela umfanekiso-ngqondweni oziswa libinzana, 'kwanga kukuphuma kwelanga' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kumgca we-9–10. (1)
- 5.1.7 Chaza ukuba yintoni uduli. (2)
- 5.1.8 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo sibe kwintetho-ngqo. (2)
- AmaHlubi abacela abakhozi ukuba mabayityhile ayibone. (2)
- 5.2 Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA G: UMFANEKISO



[Uthathwe kwiwebhusayithi yeSOWETAN, 14-01-2014 wahlelwa]

- 5.2.1 Fakela izakhi ezishiyiweyo kumagama akwizibiyeli ukuze esi sivakalisi silandelayo sichaneke. (2)
- Aba (-bini) (-yancumelana).
- 5.2.2 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo uqale ngegama 'kuninzi'. (2)
- Zingahluka iinkcubeko kodwa kuninzi okusidibanisayo.
- 5.2.3 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kwixesha eladlulayo. (2)
- Umoya wobuntu uyaphepheza. [20]

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80